

IZIDUKO ZAMA-HLUBI

NGU

HENRY MASILA NDAWO

Umbali *kaNokiswa*, *Wohambo lukaGqoboka*,
Nezinye.



572
.968
NDA

THE LOVEDALE PRESS
1939

RARE BOOK CASE

RHODES UNIVERSITY
LIBRARY

Cl. No. 572.968 NDA
BRN b10298502

IZIDUKO ZAMA-HLUBI.

IZIDUKO ZAMA-HLUBI

NGU

HENRY MASILA NDAWO

Umbali *kaNoliswa, Wohambo lukaGqoboka,*
Nezinye.



THE LOVEDALE PRESS
1939

ISALATHISO.

ISAHLUKO I.

Iphepha

<i>Into Eziyiyo Iziduko</i>	1
-----------------------------	----	----	----	----	---

ISAHLUKO II.

<i>Izibongo Zeziduko</i>	5
--------------------------	----	----	----	----	---

ISAHLUKO III.

<i>KwaBungan'—EmaHlubini</i>	34
------------------------------	----	----	----	----	----

ISAHLUKO IV.

[*Sibalwe nguElias Mabona.*]

<i>Henry Masila Ndawo</i>	37
---------------------------	----	----	----	----	----

INTΣAYELELO.

Lisiko kuhlanga oluNtsundu jikelele, ukuña umntu wonke ma kaziwe ngesiduko esilunge kuye. Kunqabile ukubaqa umntu ongenaso isiduko—isinquolo.

Abantwana abazelwe ngeendlela ezingaqondakaliyo, ſe kukhawulezwa, kuzanywe ukuña ſafekwe emkhondweni, ſathi ſekhula nje ſafe ſe bezazi qete iziduko zaſo. Ngale ndlela yodwa kufe kungakholiſi ukubaqa imiduka.

Ekunikweni into ngumntu, lisiko ukumbulela ngokutʃho isiduko sakhe, ungaxelisi iintlanga, zona kuthiwa kuzo zonke, “Dange nkosi.”

Umntu isiduko sakhe usihombisa ngokuthetha izibongo zaso.

Ezi zibongo zithethwa mhlenikwezeni kugcotywayo, mhlawumbi kukho umſebenzi omhle owenziweyo.

Ezi zilandelayo zinqakulwe ſe zisimka nesikhukula ſemfundu yeentlanga ejonge phi-phi-phi.

H. M. NDAWO.

P.O. Sigoga,

Matatiele, 1938.

ISAHLUKO I.

INTO EZIYIYO IZIDUKO.

Indlu eNtsundu yonke kuthelekelelwa ukuba uyise wayo nguNtu; phofu ngenxeni yokunganqhinelani kweziduko—izinquo zayo, angalandula namhla umntu ukuba ngabenzala yakhe bonke.

Isiduko kuphela kwento engekhoyo; okokuба ngaba iбiyinto ekhoyo, nge kusekho abafunyanwa besazibiza ngoAdam, Nowa, Kuse noNtu, esicingayo ukuba ngabo abazala ookhokho bethu.

Iziduko ezi asikhumbuli ukuba zazise zikho kwase-mvelini—kamveli; ngathi yinto eqwetywe ngabantu bumini nje; kuba befuna ukuzahlula kolunye usapho.

Ngamagama aabantu iziduko ezi, naweendawo. Azi-velangalo mhla kwadalwa umntu, nje ngoko uninzi lucinga ukuthi fan' ukuba kunjalo.

Esona siduko sibophe ngantambo nye abaMhlophe nabaNtsundu seso sikaAdam noNowa. Yinto elusizi kuba nazo azisetyenziswa.

Le nto yenzeke ngolu hlobo :

Inkosi zenzala kaNtu zaz'izalela oonyana abaninzi, bathiywa amagama angafariyo, baza bema iindawo zaɓo, balawula izizalwana noonyana booyise. Abantwana abzelwe zezi nkosi basuka bazahlula-hlula, facisa ukuzibiza ngamagama ooyise, yase iba ziziduko zaɓo ezo.

Gxebe ma khe sizekelise senje nje: UMthimkhulu waNqangi uzele uNcobo kwindlu enkulu, wazala uГadebe kwenye. UNcobo uzele uDlomo inkulu, waza embuthweni wazala uLudwala. Abenzala kaГadebe bathabathe uГadebe nje ngesiduko sabo; kufe ngokunjalo nakwa-

Benzala kaDlomo noLudwala ; kanti bonke aaba baphuma kuLufele-lwenja kuMhuhu, kodwa ezo namhla se zinje ngentsomi. Kungako oko esifumana kukho iziduko zakwaLudwala, Ndlovu, Gadebe, Dlomo, Masiyi, kuqhubeke ke.

Maxesa wambi se kukhe kuße kho impambano phakathi kwabantu bezalana, basuke bee qebu ukwahluelana ngeziduko, phofu bento nye, bephuma ngcanjini nye.

Bambi se bekhe benze izidelo kwiinkosi ezibaphetheyo, bathiwe qa ngeganyana, kanti se liya kuba sesona siduko sabo. Bambi se bezifumana ngemisebenzi ababeyenza.

Noko eyona nto iphuhlileyo yile yokuba akukho nto isisiduko.

Phofu nakuba iimeko zona zimi ngolu hlobo, kufumaneka bebaninzi abakṣatſileyo ngazo.

Ukuba kwakungaphanganga kufike umLungu, nge iba kungezi mini zixakile apha zifikwa khona.

Bakho abakṣatſileyo, kuba iziduko zafo zilunge ebuskhosini; kanti naabo bangalunge bukhosini ngebetsolisa, bañuze bathi, " Nje ngokuba uAdam wayedalwe yedwa eyinkosi, angathi ni na ukuzala abantu abangenalo igazi lobukhos ? "

Ke kaloku ke akusonakali ukuba lo mcimbi wochaneka kakuhle, ngesizathu sokuba uninzi lwabantu lolo lungabangeneleli emaHluibini ; lwafika se luhethe iziduko zalo. Umntu osiya amawafo waza wasinga kolunye uhlanga ngenkonzo, ubeya agcine isinqulo sakowabo kubekuphela, ize ngobuzwe asel' eba seso sizwe akhonze kuso. Yiyo le nto nebangale ukuba iziduko zoninzi zithi saa kwizizwe zamaphondo ngamaphondo. Inkosi yona kaloku ibivuya, kuba lisiko layo ukuzala iintsana namaxhego, liwuhsabile ilanga umhlabá.

Kuloo nkonzon yenziwego, inye kuperha into eku-nghukanwa nayo, yile yokuba bonke abantwana ababazalayo ma baqhutywe ngamasiko ezinqulo ezilunge kuubo.

Ubunzulu ongade uthi nqa bubo, bobo busaqhutywayo ngamaHlubikazi ekunoneleleni iimpahla zosana, ezinje ngesigubungelo nenkaba. Ugcino lwezi mpahla lujonge kwisiduko ngasinye, kuba akuqhutywa ngokufanayo, koko kuhanjiswa ngokweziduko namasiko.

Abantu ngoku basuka bayixabelela le nto ukuyenza.

Yiyo nale nto se kwande amahili-hili : Kungenxeni yokuba inkaba le ingasaqhutywa ngesiko layo. Inkaba sisisinga emaHlubini.

Iintsana ziya walilela amasiko ezinqulo zamawazo, kuthi akuba engafezwanga zitshabalale, kungenjalo zingenwe lugezo nokuba busbulwelwe ebudaleni fazo.

Ngaxa limbi ungfumana izibongo ezi zeqiduko zifana, zidiocene, phofu abantu aaba bona bahlukene ngeziduko, bengazalani. Le ke yona into ibangelwe kukuba iimbongi ezi fe zineendlebe ezicinayo. Be kusithi zakuva ilizwi elitsha nelimnandi lithethwa yimbongi yelinye iphondo, zibe se zisiza nalo, zilifakele kwezamawazo.

Ngale ndlela yodwa into eninzi yabantu iya fana ngezibongo zeqiduko, nakuba ingalamani nganto.

Eyona nto iphuhlileyo neyona imiyo—nakuba isenziwa ikhanyelwa—yile yokuba ukumkani ngamnye uzala ukumkani ongenabuhlobo naye ; kodwa oonyana bakhe abeza mva kwenkulu foligcina igama likayise lise liba sisiduko sabo ngonaphakade. Kodwa unyana oyintloko wesitsha ba uyikumkani nje yokuzala omnye ukumkani, ongenakho ukusilandela isiduko sikayise.

Naantsi le nto : UMthimkhulu waNqangi uzala uNcofo,

yena azale uDlomo, yena azale uMasiyi, yena uNtsele, yena uBungane, yena uMthimkhulu owesiEini. Namhla ezi zindlu ziyendiselana. UDlomo nguDlomo, uMasiyi nguMasiyi.

Andibī ukhe uyive into yokuba kukho abakwaGadebe, Dlomo, Masiyi, nabakwaNtsele? Bonke aabā, nakuba bezahlula-hlule benje nje, baphuma kuSidwaba-senkomo, nakwezinye iinkosi.

Phambili phaya, amaHlubi la asibantu basesendiselana nezihlobo; kodwanamhla nje bathe abafana, bakuphandlwabubuso beentombi zooyise, basuka abayisa so into yokuzalana, basizuzela abafazi kuzo, kuba naku izibongo zingafani.

Izibango zeenkosi azifakwanga kule ncwadana; zine-ncwadana yazo ebucala.

Kwizibongo eziliqela, la mazwi athi, "Umfaz' omabele made owanyisisela phefeya komfula," "Akusavalwa ngamivalo kwa. . . . se kuvalwa ngamakhand' aamadoda," "Booziyane," "BaseMpofana noThukela," "Abakwa-Mfaz' owadl' iqhwanya, kant' amadoda engalidli," azibonakalise kaninzi.

Ezi ziduko zilandelayo zezaabantu abangamaHlubi ngqe, nezaabō bafikayo kuwo emZinyathi, phambi kwenkcithakalo nasemva kwayo kancinane.

Ngokomthetho wohlanga oluNtsundu ongajikiyo, se bengamaHlubi, nakuba abanye se beqhaſambula bethetha oku nokuya.

Izibongo zeziduko se ikuuphela kophawu oluyimbasa olosala kwintetho yawo, kuba iincwadi eziisetenziswayo kwaLangalibalele, nezilondoloze intetho yesizwe, zezo zesiZulu, ize nganeno ngapha ibe zezesiXhosa.

ISAHLUKO. II

IZIBONGO NEZIDUKO [IZINQULO]

*1 Dakana	*20 Masingila	*39 Ndlela
2 Dinwa	21 Masoka	40 Ndlovu-Malunga
3 Dladla	22 Mayab��a	41 Ndumo
4 Dontsa	*23 Mazibuko	42 Nkala
5 Hlange��i	*24 Mbambo	43 Nkomo
*6 Hlatywayo	25 Mbongwe	44 Nkwali-Maphela
*7 Jali	26 Mkhwane	45 Ntethe
*8 Khambule	27 Mlandu	*46 Ntlaphu
*9 Khasibe	*28 Mnguni	47 Phakathi
*10 Khesa	29 Mntambo	48 Fadef��e (ama)
*11 Khumalo	30 Mpangela	*49 Sithole
*12 Langa	*31 Mpila	*50 Tshabalala
13 Lubelo	32 Msi-Skhosana	*51 Tshabangu
14 Ludwala	*33 Msimanga	52 Thuse
*15 Mafaso	34 Mtungwa	*53 Vundle
16 Maduna	35 Mvemve	54 Xaba
17 Makhunga	36 Nala—Nzim��a	55 Zengele-Thiyani
18 Maphetha	37 Ndaba	
19 Mafiyi	38 Ndana	

*1 DAKANA.

A  basemaDakaneni banazo iimpawu zofuSwazi. Babemi ngasentfona-langa kumlumbo oyiNgwavuma. Ngabafiki emaHlu  ini. Bangawo ngoku.

*Ngabafikayo emaHlu  ini, bambi kufo benobukhosи бабо.

Izisongo zaɓo zithi :

“ NgabakwaGumbe,
 AɓakwaGumbe lamaNgwane.
 NgabakwaNtʃangase,
 AbasemaNgweni, basemaDakaneni.
 Zizizukulu zikaMntʃengu,
 ZikaMntʃengu kaTʃhabalala,
 ZikaSiwalal' emkhon' onzima.
 NgabakwaMfaz' omaɓele made,
 Owanyisisel' umtwan' engapheseyā komfula,
 Singazange sibon' umfazi esidl' iqhwara lamadoda.”

2 DINWA

AɓakwaDinwa ngamaHlubi ; bakhko kanobom emTʃhezi.
 “ NgabakwaBuso,
 NgabakwaZitya ziɓili—ziɓini,
 NgabaseMpfana noThukela.”

3 DLADLA.

AmaDladla okanye aɓakwaDlakadla ngamaHlubi, eza
 ngomgca wobukhosí.

UDlakadla uzalwa nguNtsele ngentombi yakwaNdumo.
 Ulisoka nqangi.

“ UMagagasa nje ngezulu lakwaGasa,
 UDumel' enkungwini.
 Inyanda kaDlakadla woyibek' emnyango,
 Yogil' amakhand' aamadoda.
 Incinin' ende bayibek' entsunguzini.
 NguDlakadla welinye iDladla.”

4 DONTSA

AɓakwaDontsa ngamaHluɓi.

UDontsa uzele uNyathikazi, yena wazala uVezi, yena wazala uNombanda noXabanisa.

Phambili phaya ngathi kukho ukuzalana okuthile naɓaDlongwa ɓakwaMolefe.

“ NgabakwaDontsa entlanzini,

NgabakwaNombanda kaVezi.

Aɓavun’ uNtsele noDlomo.

Ngabagalela ngomzaca.

NgabakwaTsembe ɓakwaMtungwa.

NgabakwaNodludlu noSinengelantaba.”

5 HLANGEBI.

AɓakwaHlangenbi ngamaHluɓi omgquɓa.

“ NgamaHluɓ’ asekunene, ngamaDladla.

NgabakwaNonyany’ abakhumbul’ amagwala.

KwaNonyany’ akusavalwa ngamivalo,

Se kuvalwa ngamakhand’ aamadoda.

NgabakwaNomenzi-mdladla,

AɓakwaNkonjane zidl’ elangeni,

Ezinye zidlal’ emafini.

NgabakwaMkhomb’ omhie, odlel’ amasi nenyama.”

*6 HLATYWAYO.

AɓakwaHlatywayo ɓakho emaHluɓini. Phofu ngathi zikho iimpawu zobuZulu nobuSwazi kubo.

*7 JALI.

AmaJali alisebe lesizwe esikhulu sakwaNcholosi. Ayemi kumlambo oyiNdilalathi. Aye enosukhosи ɓawo.

Inxene ye yayo yiyo leyo namhla iseLusiki-siki. Nakuma-Wufe akho.

UMpambini, ogama limbi lalinguMbusi, ufe eyinkosi ephethe onke amaKhambule. Ufe emi kudala kule ndawo iyivryheid ngoku.

Emva kokufa kukaMpambini, ngokusuke adinwe busomi azeyelisele esizisbeni, baxabana. Bodwa abantu bakhé; yagxothwa eyendlu enkulü. Aboyisi aabo bafizwa ukuba kuze kuviwa isizathu; kuloko basuka banqola intaba.

Uvakele umntu esithi, " Bayekeni aabo bajalile," kwaba se kusithiwa ngabakwajali. Eli sebe ngathi lilo eli likhoyo emaHlubini. Kusengenzekayo ukuthi kanti antlobo-mbini mhlawumbi ntathu, ezingazalaniyo.

" NgamaJal' akev' akanandlebe.

NgamaGqagqan' anda eluhlwini,

AmaPhalala nje ngomfaba.

Ngabazandla zimhlophe, bawkaSibunti,

NgabakwaMlotya-Dlangani.

NgabakwaZiyane."

*8 KHAMBULE—MNCUBE.

Aaba bantu bafesisisizwe esife siphethwe ziinkosi zaso. Ayemi ngasentla-ntjona kwelakwaZulu.

UKhambule noMncube akukho onguyana nonguyise komnye; apho baqebuka khona kukuMlotya, nguye kuphela abadiibene ngaye.

Kwathi xa amaNcube afudukela ngaselwandle, amakhambule asinga ngakwelamaSwazi, ephethwe ngu-Mlambo, ekunye noSihàlibebe into kaNgonyama, ingenguye owaseNtlangwini.

UNDungunya ubathabathe nje ngeentlola, waba ke uya baphekuza kwelo. Baya kucela umhlaſa kwelamaNgwane. Kuthe ekuhlaselweni kwamaNgwane ngabakwaNdwandwe, ſona fasinga kumlanjana oyiMpolweni, owelela eMngeni; faza bamisa imizi yaſo apho.

UMpambini obē eyinkosi yesi sizwe, uthe xa akuyo le ndawo akudinwa ziinzima zemicimbi yokungonwabi nokungafumani sigxina, wabonwa ngolunye usuku ezoba kakuhle, nje ngokungathi uza kusinga emfazweni. Uthe akugqiba ukuzoba, suke wazijula esizibeni.

Amafa-nankosi amlandela, azitjhonisā nawo emva kwakhe; kubē kukuchithakala kwaso esi sizwe. Aya funyanwa eluSuthu, kwaZulu, eNatala, eNtlangwini nakwaBaca. EmaHluſini afika kusalawula uBungane.

“ YimiZila-nkatha.
 NgabaseKuhleni, ngabaseThusini,
 Ngamalandela-langa.
 Abamfazazan’ omfutjhane
 Bambopehela nemvanana.
 NgabaseNdalameni baseBuhleni-felizwe
 Banje ngelitye lamanzi, lona liluhlaza.
 Ngabakwažiyane.”

*9 KHASIBE.

AmaKhasibe ngabantu ababekunye namaKhesa ekuſingeni kwawo kwelasemaHluſini. Kuthe namhleni-kwezeni uMpangazitha wayeyinkosi, asoloko engakuye.

Aziwa ngokuba ngamaHluſi kaMpangazitha.

“ Khasibe kajama.
 Madubandlela, Mbolela, Mzizi kaNdabana.

Nyakula kaMalinga nje ngokwindla
 Kona kuza kumacocobela.
 Mbasela kaMakhayedwa,
 BakwaBuswana, bakwaMhlaba.”

*10 KHESA—MBANGUBA.

Ааба бantu бe бesaziwa ngokuBa ngamaChumane,
 seyiNtlangwini ngobuzwe.

Kuqala баbemi phakathi koMpofana noThukela. Ба-
 xabana бодва ngamaBango. ULucuncu unyana kaLuboko
 wababona, waza wafunza eyakhe impi wabachitha.

UMbanguba noKhesa, бобабини ngoonyana бака-
 Makhathini ozalwa nguVilwana. Бe беновухоси бабо.

Bafika emaHlubini бесисизве, kusalawula uNtsele.
 Intombi yaаba бantu uMakhambehlala kaSiwezi (yimposiso
 ukuthi yekaMdlini) yeendela kuBungane; ngayo uzele
 uMpangazitha boJobe.

“ NgabakwaKhesa,
 Ngabakhungwa ngogongolo,
 Entla neMpofana noThukela.
 Abacweng’ inga ngudade bonKosi.
 Bacwenga band’ ukusukusela.
 AbaNgun’ abahle bakwaNozulu,
 BakwamThathambi, nje ngeliphezulu ;
 Lona ladl’ umntu alabekwa mlandu.
 AmaChuman’ amahle
 Eza emacocobela nje ngokwindla.
 Babutshelezi nje ngelitye lomfula.
 Baluhlaz’ abanamafinyila.
 Xa басонгел’ esondweni ledukwe
 Ngaba kwanele kuбо.”

***11 KHUMALO.**

NgabaNtungwa aabā bantu. Ngathi baqebuka mthonjeni mnye nabakwaMabaso. Banobukhosi babo.

UMkhatshwa uzala uZikode, yena azale uGasa kwindlu enkulu, kweyesibini (ikhohlo) uzele uMatshobana, lo uzala uMzilikazi, yena azale uLobengula. Liqedlana elingephi phakathi kwamaHlubi.

“ BaNtungwa bamburgazi abacwabā—
Izidlov' ezibantu, ezimacocofela,
ZikaNomatshingil' omhle owakh' ezansi.”

***12 LANGA.**

AbakwaLanga ngamaNgwe ngobuzwe. Okuya amaNkomo ehlayo ngentaba kaNgqokola, eye kusiza uDlomo eNxokotyeni, ngelaa xesa waye ehlaselwe nguZulu-Гадебе, aye ekunye naabā bakwaLanga.

13 LUBELO—BUSO.

Ngexesa isizwe esiNtsundu sibe sisentla komlambo umZambesi, kubē kusithiwa kuso ngabaNguni.

NGABA—NGUNI.

Sanyusa umlambo lowo ngenx' engasekhohlo, ngokungaśikho kwamazibuko, nangenxeni yobufanzi bawo.

Siye saphethuka elisweni lawo sezā sisihla kuhle ngenx' engasekunene.

Kumalungana neli thuba ekuthe kwaqebuka elinye isebe labaNguni (Thembu, Xhosa) lasinga kumoya waseZantsi.

KubaNguni, aafsa sithi namhla ngamaHlufi, kuzelwe uChibi, yena wazala uLufelo, yena wazala uBuso, kwa-thiwa kufo :

“ NgabaNgunikazi bakwaChibi.
NgabakwaLufelo bakwaBuso.”

14 LUDWALA.

AfakwaLudwala feza ngomlibo woBukhosi. ULudwala uzalwa nguNgcobo embuthweni.

Elinye igama labo kuthiwa yimiYemane ; kuba b'ayema (ukuty, eka) ngalaa mhla uDlomo wathi ma baye emBulwane ngenxeni yokukhathazwa nguZulu kaGadebe.

“ NgabakwaDumakazi, bakwaMphankomo.
ImiYemane yath' ayizwanga,
Ngo6' umoya wawumkhulu.
Ngabahlanganis' umzi ngobedu.”

* 15 MABASO.

Aaba bantu ngabakwaNdafezitha. Babekunye naaba ba-kwaKhumalo, kuloko babuye baahluka kufo, bema emVunyana-Nondweni ngasemZinyathi.

Ingathi mhlawumbi babendidi mbini, kufa bakho aafso babemi ngasentla-mpuma kwelakwaZulu. Bakho naaba bafike kwelamaHlufi.

“ NgabakwaGubane, bakwaMalinga,
AfakwaMathang'a akahlangani
Ahlangana xa abon' umyen'i.
NgabakwaMdladla-kubekwa.”

16 MADUNA.

Бакho abathi ingcambu yaбо induluka kumaLala. Бамби bathi induluka kubaSiya (Basia) eluSuthu. Бемка eluSuthu kudala.

EmaHlubini бafika ngolawulo lukaDlomo, kodwa oyena mntu бafikela kuye nguZulu kaГадебе ; kuloko naye athe wayaleza unyana wakhe uMaјswabada, ukuba abakhange-lele indawo yokuma.

Kufe kusithiwa kuбо ngamaGubevu. Namhla nje kuthiwa ngamaHlubi omgquba.

“ NgabakwaLoбola ngezigadala,
Kant’ abanye бaлobola ngezineempondo.
NgabakwaMadun’ edakeni.
Iinkomo zikaNokhala.
NgabakwamSuthu, bakwaMbutho.
Ngabakwaziyane, bakwaMvelase.
NgabakwaNkaš’ inde, bakwaNowambu.”

17 MAKHUNGA-MDLULI.

Khangela kuГадебе.

18 MAPHETHA.

AbakwaMaphetha ngamaHlubi.

19 МАΣИYI.

AbakwaMasiyi бeza ngomlibo wobukhosи. UMasiyi yindla-mafa kaDlomo (Zikode).

“ NgabakwaZikode.
NgabakwaMasiy’ amahle awanje ngawenyamakazi.
Zizizukulu zakwaNdlovu.
NgabakwaMgajus’ umbane wezulu,

Umathwala wesaſe.
 NgabakwaCanziſ' udlala neziLimela.
 Ngaſayikhanda bayichoboza
 Zizizukulu zezibekuza, izibula-nkundla.
 NgabakwaNyathel' indlovu ngedolo,
 Ngoſa ſefun' ukubon' amathumb' ayo.'

* 20 MASINGILA.

AbaKwaMasingila ngabaMbo benene. Inkosi yaſo yayinguGuluzana, unyana kaMenaba. Bakha bema em-Folozi.

Ngenkcithakalo, abanye ſabo behla bangena emaMpondonweni ; ſadlula basinga kwaNkosiyane, apho ſadibana nonyana kaMthimkhulu owesiBini, uLudidi, ekuvakala ukuba wayethinjwe ngamaNgwane kaMatiwana. Wasala yena apho ebuNguni, xa isijora ſona ſibuyela kwelakowaso.

Iſebe laaba baKwaMasingila langcacelela ngakuye unyna wenkosi. Bakho emaHlubini ngokuza.

“ NgabaMbokaz' abaluhlaza !
 BaseMpofana, noThukela nomZimkhulu.
 Bahle, baſana nesibi sokuthwasa komnyaka.
 NgabaseLwandle, baseLwandl' oluBomvu,
 Olungawelwa ngabantu, oluwelwa ziinkonjane zodwa,
 Zona ntaka zipaphamayo.
 Ngabamehl' azitha, ngabakwaLufutha,
 Basetyen' elimnyama lasemanzini.”

21 MASOKA.

AbaKwaMasoka ngamaHluſi, beza ngomlibo wobukhos. UMasoka uzalwa nguSkhosana.

“ NgabakwaMasoka Mzimkhulu,
 Ntanzi, Goyi, Kunene-kwelizwe.

Mabandla kaNdelu, kaDedese, nje ngeliso lakhe.
 UNqaba zihlangene kuBitshane.
 Mancapha kubusa nje ngoGadebe.
 Ngawo lawo ke amabandla kaSolakhe
 Ayindlwan' esezantsi komzana womfokazi
 Obele linye wakumamJwaJa,
 Umfaz' onamanxeba ngasemva nje ngendoda.”

22 MAYABA.

AbaKwaMayaba ngamaHlubi.

* 23 MAZIBUKO-MLAMBO.

AbaKwaMazibuko ngamaNgwe, ngabakwaMlambo, yimi-Dletye ngobuzwe. Ayenobukhosi bawo.
 UNTsele kaMaJiyi wazeka intombi yesi sizwe, uMnxhanga ; ngayo uzele uBungane wodumo.

“ NgabakwaMwelas' ongaweli ngazibuko.
 NgabakwaMlambo nonKosi
 Ngaw' amaNgwekaz' amhlan' ubanzana
 Wokubeleth' amakhosi,
 Ngoθ' abelet' uBungane.
 NgabakwaMfaz' omaθele made,
 Owanyisisel' umntwan' engapheθeya komfula.
 NgabakwaSigubudu,
 Isigubudu esingafakwa mkhala ;
 Singafakw' umkhala, singawudabula.
 KwaBungane maHluθ' akusavalwa ngamivalo,
 Se kuvalwa ngamakhand' aamadoda !
 NgabakwaNonkosi, kwaboNomqathi kaQathi
 AmaNgwe avela kude lee
 Ngapheθeya komZinyathi.”

***24 MBAMBO.**

AbakwaMbambo ngamaNgwe.
 Bazala uMasiyi ngentombi yafo.
 “ NgamaNgw’ amongo ubomvu,
 AbakwaMtungw’ ethunjini.
 NgabakwaMbingelelw, bawkaPhuthini,
 NgabaNtungwa maHlubi,
 Abaphakel’ umyeni ediwaneni,
 Bona badlela emnyazaneni,
 NgabakaNdaba kaNtsele, bawkamNgwe.
 NgabakwaNtfont’ obuthikazi.
 KumaMbamb’ akusavalwa ngamivalo,
 Se kuvalwa ngamakhand’ aamadoda ! ”

25 MBONGWE-BONGWE.

AbasemaBongweni ngamaHlubi ngqe.
 “ Ndima, Khoza, kwaSondise.
 NgabakwaMbuyaisa, bawkaMv’emnyama,
 NgabakwaSobongo bawkaManqalela
 NgabakwaNkobe zingaphekwa livila, ziphekwa zizi-
 khuthali.
 MaBongwe ! nibogida nigoduke,
 Ningalibali lithambo lasemzini.
 AmaBongw’ amahle ngawaseJikweni.
 Amade ngawaseLangeni.”

26 MKHWANE.

AbakwaMkhwane ngamaHlubi ngqe. Ngathi abeSuthu
 balithabatha kufo eli gama lithi, “ Mokuena.”
 “ NgabakwaSigantsa sikaNgwenya.
 Ngabangaweli ngazibuko,

Bawela ngeempambuse zomfula.
 NgabakwaHlasi, bawkaNyathikazi.
 Izivund' ezimona mbi,
 Ngabangayithwal' inyongo,
 Ngo6' ithwalwa ngabaLandakazi.
 Ngabanganan' ayidliwa,
 Ngo6' idliwa ngabaLandakazi.”

27 MLANDU.

AbakwaMlandu ngabakwaNdlovu ; beza ngomlibo wobukhos. Kuthe ngaloo mihla, kwabfa kho umntu onetyala nenxalenye yaabfa bantu bakwaNdlovu. Kwayiwa enkosini, lathethwa ityala, bagwetyelwa.

Ngengomso savukele kwa senkosini, befuna umlandu wafo. Ithe inkosi igwebile yagqiba, impahla leyo yafo iya kuza. Baya imihla ngemihla enkosini ; ide yathi ngo-msindo nakukudinwa ngabo, “ Yiyani niziphuthumele umlandu lowo ngokwenu.”

Kwathiwa kufo ngabakwaMlandu. Ngolawulo luka-Bungane baziwa ngokufa ziiQhamngana, kuba bebaftshane ngethambo.

Be besaziwa ngokhalipho ezimfazweni ngenxeni yokuhlutshezwa.

“ NgabakwaMland’ ongalandwa ziinkosi.
 ZiiQhamngana zakoChola,
 Ngabakwa3iyane, bawkaSobongo,
 NgabakwaNdima-Mdladla.”

*28 MNGUNI.

AbakwaMnguni ngathi ngabantu baseNtlangwini. Baphuma ngcanjini nye namaKhesa.

“ NgabakwaMnguni.
 BakwaMahlaš' angadli
 Ngoš' udla umkhonto.
 NgabakwaMwelase, afangaweli ngazibuko,
 Ngabawela ngeempambuse zomfula.”

29 MNTAMBO.

Aaba bantu ngamaHlubi aseluhlangeni; phofu zikho iimpawu ezalatha ukuša uninzi lwawo lwemka emaHlubini, lwabä ngabemi emazantsi omlambo uMkhomanzi nxa zombini zawo. Elinye isebe lawo lalid'e laya kuma kule ndawo iyiRichmond ngoku (Natala) liphethwe ngu-Nchwanekazi.

Elinye iqela elingasekunene komlambo lowo laliphethwe nguNomatiti, kude kuye kuthi gaa ngeXobo.

AmaChunu abachitha, basabela kwintabä uMafedlane, apho badibene khona nabakwaNxasana, phezu koMzim-khulu. Badudulwa ziintshaba zawo, basinga ezantsi, apho badibana namaZotšho.

“ NgamaMntamb' odwa
 Ang'ayidabul' ayibek' eNdimeni
 NaseThangeni kwaNomatiti.
 Ngabamasiy' anzima bakwaNovetshe,
 AbakwaNgub' inyathelwayo bakwažiyane.
 UGombas' amaCimbitha.”

30 MPANGELA.

AbakwaMpangela baphuma kuSibutšhwana-akanangušo.
 “ NgabakwaDlomo,
 AbakwaMagwala, bakwaMařosana.
 NgabakaMſicikazi, bakaMvinjwa.”

*31 MPILA.

Isizwe samaMpila sasimi kufuphi kwesikaBungane.
 Uthe akusicela ukuba sisondele, baze kokhelana umlilo,
 'suke uJabanga wayifunza wathi uBungane liMpembe,
 akanakwenza buhlobo naye. Waba lugwali olu ukulwa
 uBusobengwe, waza wafunza eyakhe, wooyiswa uJabanga,
 wakhonziswa. Akho amaMpila nakwaBaca.

' Mpila, Nolandu, Nocacela,
 Nozithung'-thungwana Nonyangana-yezulu.
 NgabooJabanga umntakaMpila.
 NgamaVimbela, ngob' avimbel' uBungane ;
 Waz' uBungane wathwal' usiba lwa:lunye
 Waya wat'shis' imizi yamaVimbel' ooJabanga,
 Ath' amaVimbela kuye, 'Mlotya, naw' uyafelwa.
 Kuf' iimbuyisa zakho zaambili,
 Kuf' ekaDlomo, kwaf' ekaNgcofo.'
 Ngabasingath' isidumbu sikaMpangazitha."

32 MSI—SKHOSANA.

AbaMsi beza ngomlibo wobukhosi. Umsi uzalwa
 nguMhlanga, yena uzala uSkhosana.

" NgabakwaMsi kaMhlanga,
 Abesuz' elagedl' umhlanga, lawenz' iindlela.
 AbakwaMsi waphum' emhlangeni,
 Izizwe zonke zabikelana,
 Zathi, ' Ums' uphuma phi ? Uphum' emhlangeni ! '
 AbakwaVuyisa kaMaphanga,
 AbakwaMfazi owadl' iqhwara,
 Kanti amadod' engalidli.
 AbakwaMfazi owanyisisela ngaphefeya kweMpofana
 noThukela.
 Ngabancwadi yaphuma ngaphefeya kwamalwandle."

*33 MSIMANGA.

Aaba bantu babonwa befika kwaMhlanga, bekunye naBaThwa.

Bathi bangabaThwa nanamhla oku. Kodwa ke thina sibafumana bengamaHlubi ngqe.

“ NgabakwaMsimang’, bakwaNothaBizolo,
 NgabakwaNonxas’—uya khathala.
 UMsimang’ phel’ angazal’ uNonkosi somangala.
 NgabakwaNombombozinde, abaThwa feziduli,
 Ngabahlanganis’ igcansi lakwaDlomo.
 NgabakwaMfaz’ omabele made,
 Owanyisisel’ engapheSeya komfula.”

34 MNTUNGWA-DLAMINI.

Ngelaa xesa isizwe esiNtsundu kubé kusithiwa kuso singabeNguni, kusuke kwaakho ukuthetha okuthi kubé kusithiwa singabaNtungwa.

UDlamini lo uzalwa nguNdlovu. AbaNtungwa okanye amaDlamini ngamaHlubi, eza ngomlibo wobukhosí.

Baziwa ngokuba ngamaDlamini, angengawo awasema-Zizini, mhlawumbi awakwaSiba-Lukhulu eNtlangwini, okanye awaseSwazini.

“ NgabakwaMntungwa-Dlamini,
 KoDlamini boNdlovu
 Zidl’ ekhaya ngokuswel’ umal’usi.
 NgabakwaNozigela, bakwaNomfakali
 Abadume kude nje ngesigidi.
 NgabakwaMphaphama,
 Abaphakel’ umyen’ edengeleni,

NgoBa Banqen' ukuqed' amabele.
 Umnyaz' uphanyekwe phezulu baNtungwa
 fembulazi.
 Abadl' umntu bemyenga ngeendaña.”

35 MVEMVE.

AbaKwaMvemve saphuma kuDlamini waNqangi.

“ NgabakwaGewabe, Nakhophekazi,
 BakwaNjanjace, Lukhulana, Livuno,
 BakwaMaphum' ephethe, bakwaGasela,
 BakwaNdlovu—zidl' ekhaya ngokuswel' umal'usi.
 NgabakwaMntungwa-Dlamini,
 BakwaSidudu somfaba sadik' abayeni.
 Ngabafanelwa zizitya zokubolekwa.”

36 NALA-NZIMA—MPEMBE.

AbaKwaNala, Nzimá, okanye Mpembe ; feza ngomlibo woBukhosí. UMpembe uphuma kuMhuhu. Esi sizwe kuthiwa namhla ngamaHluBi, sasikhe sabizwa ngokuBa ngamaMpembe phambi kokuba kuzekwe intombi kaHluBi iBele nguMthimkhulu waNqangi.

“ NgabasemaMpembeni,
 KwaBoNomgquma, bakwaNojakadelana.
 Izibekuza zakoNzimá.
 AmaKhany' ehlungwini kubé kuhlwile.
 AmaPhembel' umlil' emanzini.
 Inkom' entl' ungayinik' amaMpembe,
 Ibala layo libe lelinala,
 Aze kuhamb' ezidumisa,
 Zizaala—kulandelwa.

Bangangqunjana nje, yazi ukuthi bamphethe ;
 Bangab'a mphangalalana, yaz' ukuthi se behlukene
 naye,
 Ngabamth' ungagawulwa ngamavila ugawulwa
 zizikhuthali.”

37 NDABA.

AfakwaNdaba bezza ngomlibo wobukhosи.

“ NgafakwaNdaba, Mntungwa, Nkuluka,
 Dziyana, chofoka nje ngamguma.
 Gubela, ntombi zintle kunye nabayeni bazo
 NgabaseMpofana noThukela.”

38 NDANA.

AfakwaNdana ngamaHlubi.

*39 NDLELA.

AfakwaNdlela ngamaSwazi ngoBuzwe.

Bafsemi eBovini kwaNyamenja.

EBovinapho yayingumhlaba onendlala kakhulu. Babekholisa ukuza kuqweba ukudla emaHlubini, aphi kwa-kwendele intombi yakhona, uNgiyiwe kuBungane. Baphelela ekuchithakaleleni kumaHlubi.

Ngenkcithakalo yamaHlubi basinga eluSuthu kwa-Zicwalile nakwaMohale.

Bafuduka kwelo basinga eHesele kwaMhlambiso kaMthimkhulu, owaye eyinkosi kwelo eseyedwa.

Behlile kwelo, bezza eGriqualand East. Namhla uninzi lwawo lukwaLuphindo, kwaMagadla, kwaMgubo, kwa-Madlangala nakwaLebenya.

“ NgabakwaSigula
 Sagul’ enkundleni kwaMtambose.
 Ohamba ngomend’ unyanyaza ngenyongo yebokhwe.
 NgabakwaMnyanyathek’, ababelé limnandi,
 Ongath’ uma uhamba ngomend’ unqwenele ukuli-
 khweBula.
 NgabakwaNongobe zinengozi,
 BakwaNaka-naka ndiya khala,
 AbakwaHlab’ indoda yanyel’ emphandeni.
 Zizilila gazi, kant’ abanye balil’ iinyembezi
 Zizibekuza, izaala-kulandelwa.
 NgabakwaNyathikazi, bakwaNodaBekhulu.
 Yeyheni maNdlela ! Phumanı eSwazini
 Nize nembeleko, nize kubeleth’ umntwana
 Usenkundleni yamaHlubi !
 NgabakwaLudonga-dilika kade sinath’
 emaxhaphuzeni.”

40 NDLOVU—MALUNGA.

Aaba bantu beza ngomlibo wobukhosı. UNdlovu uzalwa nguMasoka. AbakwaMalunga, abakwaNdlovu nabakwaMlandu bantu nye.

“ NgabakwaNdlovu zidl’ ekhaya ngokuswel’ umal’usi.
 NgabakwaGengezi bakwaMntungwa.”

41 NDUMO.

AbakwaNdumo bakhı emaHlubini. UNtsele isoka nqangi lakhe walizeka kwiintombi zaabo bantu; ngalo uzele uDlakadla lo uzala uNgalonkulu.

“ NgabakwaNdumo.
 NgabakwaMadlala, BakwaNodlakadla,
 NgabakwaNomaxhant’ oMpempe kwaMalinga,
 Baling’ impi, Bayiwez’ uThukela, bayichitha.
 NguMadlal’ egoduka eCetyana
 Ngaw’ amaqhaj’ amakhulu.”

42 NKALA.

AbaKwaNkala ngamaHlubi, beza ngomgca woBukhosí.

“ NgabakwamHlambi wezibukuzana.
 NguNkal’ omphan’ imbizana yafa kuSi.
 Isitya sokudlela, sadlel’ uNomnguza kaNgobe.
 Umkhont’ uphosive phezulu.
 Yeyheni maNkal’ uMnafas’ unabile.”

43 NKOMO.

AbaKwaNkomo ngamaHlubi ngqe.

Okuya uDlomo wemkayo kumaZengele, wasinga kuma-Nkomo kaNgubeni, lo uzala uNgwadi; yena azale uZufa, yena uMqantsa, wawacela ukuba aye kumophula eNxoko-tyeni kumabutho kaZulu-Tadebe.

Ehla kwintaba kaNgqokola ekunye namaNgwe lawa akwaLangá, angena kuDlomo. NgamaHlubi.

“ NgabakwaNkomo, amaHlewula-ntaba.
 AmaNqotyakazan’ asekhaboNqobokazi.
 Aluban’ amaNkom’ angathewuki ngaphezulu,
 UDlomo ng’ asahlezi eNxokotyeni.
 Ngabandlefe zintle zombini.”

44 NKWALI—MAPHELA.

AbaNkwali bazalwa ebukhosini, kunjalo nje baduma kakhulu ngolawulo lukaDlomo. UMLabatheki wayengumfo wakwaNkwali ; yena uzala uBukula, lo ufungwayo ngaabo.

UBukula ngulo wamisela uNtsele kubukhulu bama-Hlu^bi, ngokusuka amkhelele amanzi ngophondo ukuba awase kuyise-mkhulu uDlomo.

AbaNkwali isekwa ngabakwaNkwali. Balifumana eli gama kuba ubutyebi ba^bo basuka banyakazela ngokwamphela, kw^baba se kusithiwa ngabakwaMaphela.

“ NgabakwaNkwal’ enkosi,
Enyon’ engadliwa ngabafokazana idliwa ngamakhosi.
NgabakwaBuz’ elikhul’ elagedl’ umhlanga,
Kwavel’ amaBuz’—buzwana.
NgabakwaNongubo-ntloko.
Abanye bazitetyl’ abanye bazithwele.
Inkwali yintak’ engcondo zibomvu
Edla ikhethe lomfula.”

45 NTETHE.

AbaNtethe ngamaHlu^bi aseluhlangeni. Abasema-Ntanjeni okanye abakwaMntambo ngathi banto nye naaba sakwaNtethe.

“ NgamaHlu^bula-ntaba.
AmaNteth’ ecimbitha, oNovetshe.
UVez’aziyane, uGombase nKosi.”

*46 NTLAPHU.

AbaNtlaphu zizigegede ngo^buzwe. Olu hlanga lwalumi phakathi kukaSo^bsangana namaSwazi.

Lwachithana ngamaabango. Elawula nje uDlomo inxenye yabo se ikho emaHlubini.

Kuthe xa uBungane eza kwalusa unyana wakhe uMthimkhulu, wathuma uNchozi, into kaLunyangwe, ukuba aye kuzeka amanzi esithundu elwandle; ekubeni amaHlubi ayengabanga nakho ukuya kuwakha.

UNchozi lo ke waye engowakwaNtlaphu. Inxalenye yesi sizwe iseFreyistate. NaseluSuthu bakho.

“ NgabakwaMvelase
 BakwaDungamanz’ aMlotya!
 NgabakwaLuvun’ aMbonan’ aMatsho.
 Izigeged’ ezadl’ umka dade wabo,
 Zath’ akananyongo, zath’ akanamhlehlo,
 Kant’ umhlehlo lubalala!
 NgabakwaBařuz’ izihlangu zamadoda!
 NgabakwaNongombili
 AňakwaMathendelekan’ owathendeleka
 Kant’ akabuyi.”

47 PHAKATHI.

AňakwaPhakathi ngamaHlubi ngqe. Phofu naku-maBele bakho, nakuňa bengazalani.

“ NgabakwaMngunikazi,
 Izangond’ ezimnyama,
 Ezibantwana banga ngeni.
 AwoFukutha, abožiyane, bawNomafayise.”

48 ГАДЕБЕ (ama)

АмаГадебе eza ngomlibo woňukhosи. УГадебе likho-hlo kuMthimkhul’ aNqangi.

Ezi ziduko zilandelayo zeziphuma kuГадебе. Bonke ааба бafunga uГадебе.

- | | |
|---------------------|-----------------------|
| (a) Hlanga (imi). | (g) Ntsali—Ntſayi. |
| (b) Khabaludaka. | (h) Γawule. |
| (c) Makhunga—Mduli. | (i) Geledwane. |
| (d) Maya. | (j) Sondezi. |
| (e) Mgemanе. | (k) Swefelele-Ndlazi. |
| (f) Ntanzi. | |

(a) HLANGA.

ImiHlanga yindlu yesiThathu kaMaſwabada, eyaziwa ngokuba yiMbutho.

“YimiHlanga yakoVaphi.
Ngamabandl’ aligeuntswana.
NgabakwaMliš’ ohlanz’ amagawa.”

(b) KHAБА-LUDALA.

AmaKhaba-ludaka ayinzala kaNgobizembe kaMaſwabada; angamaGeledwane.

AmaGeledwane alwa odwa ngamabango; yaza ke eka-Mvelase impi yooyiswa yekaSibanya. Ithe ekubalekeni kwayo yawela umfula owawunodaka, yatſhiza njalo ibaleka. Kwathiwa ikhabe uduka; yaza ke ngoko yase ibizwa ngebizo lobuKhaba-ludaka.

(c) MAKHUNGA-MDLULI.

UMzinyani waye elinqhawa elidumileyo. Kwathi mhla kwakuza kubekwa uDlomo ubukhosи nguГadeбе, 'suke akavuma ukuya ebizelweni; endaweni yoko wasuka wabonwa enxula (ekhunga) izinja, esiya kuzingela, ekunye neqela lakhe, ekwathi kwakubikwa ngabathile ukuба uMzinyani uye kuzingela, wavakala uГadeбе esithi, se zimdlulile, kwabа se kusithiwa ngabakwaMakhunga okanye Mdłuli.

IZIDUKO ZAMA-HLUBI.

“ NgabakwaMakhunga—boNkosi,
AbakwaMpakath’ ayithwalwa.
AbakwaMdluli awudlulwa
Udlulwa nguГадебе yedwa, naye ngenxa
yoбukhosи.”

(d) MAYA.

AbakwaMaya бaphuma kwizindlu ezincinci zikaГадебе.

(e) MGEMANE.

AbakwaMgemane бaphuma kuZulu-Гадебе, балисока-
nqangi lakhe.

(f) NTANZI.

AbakwaNtanzi ngabenzala kaГадебе.
“ NgabakwaGwilikana kaNtanzi.
BakwaMhlahl’ usengalweni.
AbakwaNgalo zamatana
Nina bakwaMkhonto—Mvelase.”

(g) NTΣALI—NTΣAYI.

AbakwaNtσayi беза ngomlibo kaГадебе.

(h) ΤΑWULE.

AmaГawule ayindlu enkuлu kaMaжwaбada.
“ NgabakwaBucwa, ngabaseMvuleni.
NgabakwaMazwabad’ owazwabadela inkomo
neempondo ;
Yathi yakufik’ esiswini yadl’ amalalala.
NgabakwaMaf’ amnyama.
NgamaГawu-raw’ ancokazi kunye neenkomо
zawо.

Ligcuntswan' elasal' eHlontlolwana.
 Ngabandlebe zintle zombini.
 Ngabankomo zabuya zodw' ekhaya umalus'
 eseyokusela.
 Ngabakhangela ngesintsintsiwana
 Ebandla kubodade wabo.”

(i) TELEDWANE.

AmaTeledwane ayindlu yesibini (ikhohlo) kaMafwabada.

Ibalu lamaMfengu lithi ngawo:—

“ Alifumana eli gama mhlenikwezeni abawela (ukuqalela) ububende bebokhwe eyayixhelwa. Athi akugxothwa koko kudywidana kwawo ngobubende nguyise, uNgobizembe, asuka akaya kude, athi Ɂelele ngokodwane, waza ke uMhlekazi uNgobizembe wathi, “ NgamaTeledwane ezi zinto zibawa kangaka.”

“ NgamaTele-Ɂele akoMlibose,
 Amabandla kaZulu kaMafwabada.
 KaMafuza—afulele nje ngefu lemvula.
 Ngabathath' iintsunje zabanye
 Bahlabé ngenqumba kumaGawule.
 Ngamabandl' akwaNgatshi.
 NgabakwaMfaz' obele lide elivale emazi-
 bukweni.”

(j) SONDEZI.

AbakwaSondezi yinzala kaGadebe. Banduluka elu-Suthu, apho se besaziwa ngokuña ngabakwaSotetsi.

(k) SWEBELELE—NDLAZI.

AbakwaSwebelele, okanye abakwaNdlazi, baphuma kuGadebe.

“ NgabakwaNdazi, bawwaSomlimokazi.
 NgabakwaGadebe.
 NgabakwaMathanga-dabuka nje ngotyani
 sendlela.
 NgabakwaMaqogw’ uya baba nje ngetshongwe.
 Ngababamb’ umsingizane badontsisana ngawo.”

49 SITHOLE.

AbakwaSithole ngamaLala ngemvela. Bambi bathi
 balunge kubetNtungwa—Nguni. Ngabo ababesiinchibi
 zentsimbi nobedu, olwalunxitywa ziinkosi zelasema-
 Hluibini.

Ubedu lukaMjoli kaNgwana kuthiwa lwalubalasele
 ngobuhle.

Ingxelo ithi lwalensiwe ngamaLala akwaSithole.
 AmaLala kuvakala ukuba ayemi ndawo nye namaAwuwa.
 Ehlide ekunye nabaThembu baseQhudeni, bada baya
 kuthi gaa ngoMzinyathi, kufuphi nomFolozi.

Intaba yaabo ibiyiHlazakazi. Bangabangeni emaHluibini.
 “ NgabakwaMnyangazi.
 NgamaLala, ngabesando.
 Ngabakhand’ intsimbi.

NgabakwaNozigele, bawwaZiyane.
 AbakwaNtliziyozimaJumi-jumi;
 Ith’ enye ma ngikhulume, ith’ enye ma ngithule.”

50 ТΣΗΑΒΑЛАЛА.

AbakwaTshabalala ngamaSwazi ngobuzwe. Se kuli-
 thuba elide yabakhoyo inxenye yaabo emaHluibini; bambi
 kufo beza ngeendlela zokwendisa.

“ NgabakwamNtſengu kaTſhabalala.
 NgabakwaSiwalala.
 Ingantyamban’ ezinamanga.
 Zath’ uMhlongamvul’ udilikile
 Kanti zitſh’ uhlezi;
 NgabakwaLudonga-dilika,
 Kade sinath’ emaxhaphuzeni.”

51 ΤΣΗΑΒΑΝΓΥ.

AbakwaTſhabangu ngabantu baseNtla. Uninzi lwabo lufunyanwa kwaMzilikazi kaMatſhobana; abakhoyo phakathi kwamaHlubi ngabangeneleli.

“ Tſhabangu, Luvuno, noNgwana.
 Amafuz’ afulele nje ngenkosi.
 AbakwaSigejan’ asitſhazw’ ehlobo nasebusika.
 Izaala kulandel’ amakhosi
 Ngoba nazo zithi zingamakhosi.
 Ngabamaziny’ amhlophe ngoba abaseli siphungo,
 Ngoba besith’ isiphungo liyeza.
 Zizikhulu zakwaMfaz’ obele lide,
 Owanyisisel’ umntwana ngapheſeya koThukela.”

52 THUSE.

Ibali lamaMfengu lithi abakwaThuse yinzala kaMasoka; ſabengabakhandi ſamathuse.

*53 VUNDLE.

Aaba bantu kuthiwa ſadilika kwelaseNtla. Kwathi xa ſemana ukukhweza imilambo neentaba, babonwa ngabathile. Kubuziwe kufo, ukuba aabo bantu basinge

ngaphi na, bathe ke bona, “ Bavundle nentaba,” kwaſa se kusithiwa ngamaVundle isiduko saſo.

EmaHlubini ſafikela kuNgobizembe kaMaſwabada ngaseluNdini. Aya kwaMthimkhulu owesiBini ngokuya kwendisa intombi kaSibenza, uNjomose, ekunye nento eninzi yamaGadebe.

UMtʃhokotʃho lo uzala uMlobeli noSisilana, lo uzala uMtʃagobo (amaVundle) namanye, akabanga ſabuyela kwaNgobizembe.

NgamaHlubi ngoku. Akho ebuNguni, naseluSuthu, apho kuthiwa ngabakwaMofokeng, abadla umvundla k̄wada.

“ NgabakwaSokhulu, ſakwaNqabande,
 BakwaNtong'-ayikhethi nakumkhwekazi.
 NgabakwaLujwana-Gasa bakwaMnqamaʃo.
 Nin' eneenda nezinti zikaGubela udade foBungane.
 NgabakwaMathomba-endile nje ngentombi.
 NgabakwaMkhonto wazonda kwaZityana.
 NgabakwaHlanti, ſakwaLudonga-dilika.”

54 ХАБА.

AbaKwaXaba ngamaHlubi ngqe.

“ NgabakwaNomjolikaz' omde,
 NgabakwaNombombo zinde.
 NgabakwaNonxas' uya khathala.
 NgabakwaLinda, ſakwaNonchunchu le 'nde,
 Abangaselı kwawamadwala
 Abasela kwaweziziba;
 NgoBa besaba umlom' ukugobeka.
 AmaXabakazan' angakwaz' ukunyekeza,
 Anyekezelwa ngabanye.

Abalal' emzini bahlinzelw' ithokazi lenkomo
 Ngabaqhekez' isonka siy' ebandl' emadoden.
 KwaXab' akusavalwa ngamivalo.
 Se kuvalwa ngamakand' aamadoda.”

55 ZENGELE—THIYANI.

AmaZengele yayingabantu ababenobukhosи бао.
 Баfung' uZulu bonke. UDlomo wakha wasafela kuwo,
 okuya wagxothwa nguZulu kaГаде. AmhlangaГеза
 ngobubele obukhulu. Athabathela ngolo suku ukuba
 ngamaHluSi. Namhla aziwa ngokuba ngamaHluSi
 omgquba.

“ NgamaZulu.
 NgabakwaJili—kaMama—samangala !
 NgabakwaThiyani, бакваMahlangaГеза ;
 Ngоба bahlangaГез' inkos' isiza ngobuso.
 NgabakwaNomphumela, абоNongagana yezalukazi.
 Ziyidake zide ziyilisale.
 NgabakwaSililagazi, бакваDunjane.
 BakwaBuhlungu-benyoka.”

ISAHLUKO III.

KWABUNGAN' EMAHLUBINI.

Бе kuxoxwa konwatyiwe,
Kubaliswa ngezimanga
ZooHlakanyana namaZim,
ZooSidwaba nooГадебе.

Бе kusalathw' iГaladu,
Kuthethwe ngeNxokotyeni,
Umzi nentaba kaDlomo.

Бе kuxoxwa ngomZinyathi,
Umlamб' omhle wamaHlufi,
Obuselwa ngamadoda,
Uselwa ngamakhwenkwe,
Naziintombi, nabafazi.

Бе kuxoxelw' abantwana
Izithethe zamanyange,
Bekhunjuzwa namasiko
Ayeqhutywa ngooMasoka
Kuloo maxef' akudala
Ilizw' eli lise lihle
Kusanqulwa amathongo,
UNKulu-nkul' ezimele.

Бе kukhothwana ngabantu,
Kuvelwan' ebunzimeni.
Kuxhelw' iinkabi zeenkomо,
Kufizwan' ezifubeni,
Izithebe ziphambana,
Iinkedama zisaziwa.

Kubekwene ngamadoda,
 Kubekwene ngabafazi,
 Kululekwanasizwe,
 Zithotyelwe kwa neenkosi ;
 Kungekho kugxelefana,
 Kuthiyw' umthakathi yedwa.

Be kukholis' ukuthethwa
 Ngeentomb' ezidumileyo
 Zezwe lasemaHhubini :
 OoNobulem', ooNompi,
 OoNqobokaz', ooMtambose
 OoPhahlakaz', ooNoziga,
 OoMoyakaz', ooNongazi,
 OoNomalang', ooNomvula,
 OoDumakaz', ooNomloyi,
 OoMbikazi nooGubela,
 Kwa nendlovukaz' uMnxhang'a,
 Owanchwatylew' eHlkazi
 Engunina kaBungane.

Ebusweni Samadoda
 Yayisoloko ikh' intsofi
 Yokuthand' ukuhlasel'a
 Nokuhusela ilizwe
 Abekho namakhalipha
 Kuthethwa ngawo kaninzi.
 Kungavalwa ngamivalo,
 Kuvalwa ngamakhand' odwa
 KwaBungan' emaHlubini.

Isizwe sonke kaloku
 Be sijonge kuloo mthombo

Ubusolok' umpompoza,
Ubuchosi bamaHlubi.

Yayikh' ibekh' imbalela
UBungan' ahlis' imvula.
Ayekh' alamb' amaHlubi
UBungan' avez' ukudla,
Kub' esenza ngakuningi.

Be kuzekwa, kusendiswa,
Kusal₁uswa, kuthonjiswa ;
Phofu kufiwa, mawethu,
Kube ziijwili nozilo
Lie maf' amnyam' izulu
KwaBungan' emaHlubini.

ISAHLUKO. IV

(*Sibalwe nguElias Mabona*).

HENRY MASILA NDAWO.

Andiyi kwenza nto ingakanani konke na okwanamhla malungana nobomi balo Mnumzana, koko nje ndiya kwenza amabal' engwe kuphela ngomcimbi lo unxulume-ne nokubala kwakhe iincwadi.

UMasila uzalelwé kwisithili saseMatatiele, kwisikolo saseMoravi eBethesda phaya, esazulwini samaHlubi akwa-Luphindo, umzukulwana kaMthimkulu owesiBini.

Esemncinane wakhe wasiwa kulonina kwaGibixhego kaThembela, into yakwaMasingila, kuQumbu.

Ubuye wabuyiswa apho ukuba aze kufunda. Ekubeni eziwelile iincwadi ezifundiswa kwisikolo sokuzalwa kwakhe, uye eBensonvale (eZitapile) kwelaseHele, ukuya kuqhubela phambili imfundu yakhe.

Intlantsi yokuba woze abe yimbongi ngenye imini yazibonakalisa apho; abaninzi nabafundi ababekho apho bondinqhinela ngale ntetho.

Namhla nje loo ntlantsi ithe yokuba ihlakazekile yada yabonwa nangabakude.

Uthi xa atshoyo, oyena mntu wamnonelelayo ngaphezu kwembaliso, unge wawucimile loo mlilo, nguMnumzana uSamuel Ktune Mqhayi imbongi yekomkhulu lamaXhosa, noMnumzana uW. G. Bennie umbali nencutjhe edumileyo ekuhlanganiseni amabali akwaNtu anomdla nasel' ebilibaleka ; kanti nephepha loMnumzana uD. D. Jabavu laxhasa ngokumana linyontya amakhwelo.

Abanye abantu ibasithele into yokukhuthaza, endaweni yaloo nto basuke bazidlakazelise iincwadi zomnye umbali ;

kanti ngokwenje njalo abazi okokuſa sukuſa mhlawumbi ſetʃitʃisa oyena mntu ubeya kwenzela ilizwe izinto eziphilisa ingqondo.

Aaba ke bathathu abayenzanga into yolo hlobo.

Uninzi lwamaHlubi, la kanye akunye naye, akakacace-lwa kakuhle ezingqondweni zawo ngulo msebenzi, kuba lungooVa-zidlule.

Kukhe kwathi esephakathi kokuzingela amabali, wahle-lwa liliſwa lokufelwa ngamahafe akhe onke. Akalindanga, koko uhlabe ngeenyawo eqhubela phambili umsebenzi wakhe.

Ngelinye ixeſa wakha wahambela ikomkhulu lamaHlubi emTʃezi eyedwa, ephaliswa yile ngqondo ingamonwa-bi-siyo; mhraumbi inkulu into esiya kubuya siyibone emva koku.

Noko okwanamhla ndiya kulekuza nje ndingenzi igalelo ngo—

HENRY KA-NDAWO.

- 1 Mbethelen' ingoma,
Nivuma, niduda,
Nithetha loo ndawo,
NgoHenry kaNdawo.
- 2 Yenzan' imigcoſo,
Nimnik' izihombo,
Nize kumbulisa,
Kub' esivuyisa.
- 3 Mziselen' izipho,
Zize zizizipha,
Nenze olo dumo,
Ukuz' ahlonelwe.

- 4 Mqhwabelen' izandla,
Nize ngokuzidla
Nidude kakuhle,
Kub' esenz' abantu.
- 5 Aphi n' amadoda ?
Baphi n' abafazi ?
Uphi n' umlisela ?
Uphi n' umthnjana ?
- 6 Kuhl' emaHlušini,
Kufa sinembongi
Etheth' izimanga
Zezwe lakowethu.
- 7 Simema izizwe
Zithelele nazo
Nolwazo uncedo
Kus' esi simemo.
- 8 Guqani ngedolo
Nicel' uSombawo
Amnike imihla
Lo mfana kaNdawo.
- 9 Ma kahlal' ehleli,
Kub' enqik' ubedu
Lwezwe lamaHluši,
Esikŋatſa ngalo.

E. M.
Umtʃhana wakhe.